

Ufudwazana neqokobhe lakhe

Imifanekiso ngu: Helga Hoveka

Umbhali ngu: Brigid Comrie

Ikota yesi-2 – INcwadi eNkulu yesi-4



IsiXhosa



GAUTENG PROVINCE
EDUCATION
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA


GGT 2030
GROWING GAUTENG TOGETHER



Ufudwazana onguFanafana
wayezihlalela yedwa
endle. “Ndingwenela
ukuba ndingafana nezinye
izilwanyana ndibaleke
ngokukhawuleza,” watsho.



UFanafana wakhasa waphuma
kwiqokobhe lakhe wakhwaza:
“Ndiyongeni! Ndiyakwazi
ukubaleka ngokukhawuleza
xa ndingenalo iqokobhe
lam elinzima!”



Emva kwethuba uFanafana
wayeka ukubaleka.

Wayenesifuthufuthu kwaye
ilanga lalitshisa umqolo wakhe
othambileyo. “Andinalo iqokobhe
lam lokundikhusela, ngoko ke
ndiza kuphumla emthunzini.”



UFanafana weva ingxolo
esibhakabhakeni waze wabona
ukhozi. “Akwaba bendinalo
iqokobhe lam ukuze lindikhusele,”
watsho. Wakhawuleza
wazimela kumngxuma
owawukwisiqu somthi.





UFanafana waqalisa ukubaleka kwakhona. Weva iindudumo waze weva nobumanzi bemvula kumqolo wakhe. “Akwaba bendinalo iqokobhe lam ukuze lindikhusele,” watsho.





UFanafana wayelikhumbula
iqokobhe lakhe. Wabaleka waze
wakhasa wangena kwakhona
kwiqokobhe lakhe. “Andikhathali
nokuba andikwazi ukubaleka
ngokukhawuleza,” wacinga.
“Ndiyakuthanda ukuba ndim!”



Le Ncwadi iNkulu ibhalwe nguWordworks.
Umyili wencwadi kunye neqweqwe layo nguJacqui Botha.
Iguqulelwe esiXhoseni nguNtsiki Ntusikazi. Ihlelwe nguNtsiki Ntusikazi.

Le Ncwadi iNkulu inelayisensi eyinikwe yiCreative Commons Attribution 4.0 License (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>).

